## AMANGENO NEMIBUZO
## 082 372 1557

## AMANGENO AVALWA NGOWAMA–30 KUJUNI 2022

AGRI'S GOT TALENT




**U-Agri's Got Talent yinkqubo ephuhlisa ubuchule nokhuphiswano lomculo lwabasebenzi bezolimo kwicala leziqhamo newayini.**


**UXHASWA:**

HORTGRO, Citrus Growers' Association, Vinpro, South African Table Grape Industry and the Western Cape Department of Agriculture.


## WWW.AGRISGOTTALENT.COM

## IMITHETHO YOKHUPHISWANO

Abangenele ukhuphiswano baza kujajwa yiiphaneli ekhethwe ngabaxhasi. Isigqibo seejaji asinakuphikiswa ibe akuyi kwamkelwa mbalelwano.
Iijaji zinelungelo lokuthi xhaa ngokukhupha ibhaso kuxhomekeka ekufanelekeni kwamangeno.
Ngamangeno abasebenzi bezolimo becandelo leziqhamo nelewayini (iifama, imizi epakishayo nezisele zewayini) kuphela abaza kwamkelwa.
Ukuba ukhethiwe ukuba uye kumanqam uza kucelwa ukuba uze nobungqina bokuba uyaphangela.
Nceda uqiniseke ukuba ufaka zonke iinkcukacha eziceliweyo kunye namangeno akho.
Ngokungenela olu khuphiswano abo balungenelayo bayayamkela imithetho kwaye bayabakhulula abaxhasi kwimbopheleleko xa kungenzeka bonzakale okanye bafe, okanye kuye nawuphi unobangela ovele ngenxa
yolu khuphiswano.
Olu khuphiswano lolweemvumi ezingahlawulwayo kuphela.
Abafundi abavumelekanga.

## IZINTO EZIFUNEKAYO UKUZE ULUNGENELE

Ufanele ube ubuphangela kwicandelo leziqhamo kunye/okanye lewayini kwaye usebenza efama, kumzi wokupakisha okanye kwisisele sewayini kangangeenyanga ezintathu zizonke nangaphezulu kwezi nyanga zili-12 zidluleyo.
Ungangena kuphela ukuba ungumsebenzi kula macandelo ezolimo alandelayo: kwiiapile, amapere, iiplam, iipesika, ii-nectarine, iaprikosi, i-cherry, isitrasi, ii-pomegranate, iziqhamo eziqwayitiweyo (kwicandelo leziqhamo zemithi evuthulula amagqabi, ngaphandle kweerasentyisi), iwayini neediliya, i-fynbos, ii-pecan nuts okanye amakhiwane.
Abangenela ukhuphiwano bamele babe neminyaka eli-18 nangaphezulu ubudala, kwaye babe bagqibile esikolweni.
Bangangena nangaluphi na ulwimi lomthonyama lwaseMzantsi Afrika.
Bangangena njengeemvumi kuphela – hayi amaqela.
Abo bebekwi-Top 10 kwixa elidluleyo abanakungena kwakhona.

**Abo baza kuya kumanqam ngamnye uza kufumana ifowuni yemobhayili ukuze arekhode uhambo lwakhe lwe-AGT, ibe loo nto iza kufakwa kumajelo okuncokola kwi-intanethi ngendlela ababona ngayo abaququzeli. Abo baza kuya kumanqam baza kusebenzisa ezi fowuni nokuze bafumane uqeqesho ngaphambi kokuthatha inxaxheba kwiwekshopu yokuphuhlisa ubuchule eza kuthatha iveki kufutshane neVostile, eNtshona Koloni ukususela ngowe-17 ukuya kowe-21 kuOktobha 2022 baze bacule eqongeni ngowe-21 kuOktobha 2022. Ophumeleleyo uza kukhethwa yiphaneli yeejaji aze abhengezwe kanye emva kokuba kucule owokugqibela.**

# INDLELA YOKUFAKA AMANGENO

## 1.

**Rekhoda iklipu yevidiyo okanye ivoyisi nowuthi ingadluli kwimizuzu emi-3 ubude.**

## 2.

**Faka ezi nkcukacha zilandelayo kwizinto ozibhalayo:**
Igama
Ifani
Inombolo ye-ID
Inombolo yefowuni yakho
Igama lefama, lomzi wokupakisha, lesisele sewayini
Isikhundla kulo fama
Ubude bexesha obuphangela ngalo
kule fama, kumzi wokupakisha okanye kwisisele sewayini
Igama leyona dolophu ikufutshane

## 3.

**Thumela amangeno akho ngo-WhatsApp ku-082 372 1557**

Imibuzo:
021 870 2900
083 642 5342
info@agrisgottalent.com